Ukuziphatha Kwezilwanyana

IZIPHUMO EZIMANDUNDU

CO #2: ukusebenzisana ngendlela nabanye njengamalungu eqela, ombutho, okanye entlalo.
CO #3: ukuzilungisa nokuzilawula nezenzo zakho ngokuthembekileyo nangendlela.
CO #4: qokelela, hlela, ulungise, ukwaxabisa ngokumandundu ulwazi.

IZIPHUMO ZEMFUNDO

LO #2: Umfundi uza kukwazi, abenakho ukuqonda nokusebenzisa ulwazi lwenzululwazi, olwenkcubekho, nolwemimmandla.

Ubuchule:

Ulwazi lweengcinga eziphambili.
Uqondo lwazi.
Uguqulelo lwazi.
Udlelaniso lwazi olusuka kwiindawo ngeendawo.

AMABANGA OXABISO

Ukhunbula ulwazi olunentsingiselo.
Uhlahlelo lwazi.
Uyalwenza uguqulelo lwazi.

UKUFUNDISA KWESIFUNDO

Zikhumbuze ngolwazi lwemvelaphi yoveliso zingelo lwethole lengwenkala olufumaneka kuphepha 13 ukhethe phakathi komsebenzi wophengululo nezenzo ezimbini, esinye iyeyasegumbini lokufundela esinye isesangaphandle.

ISENZO 1 – Uqubisano nengonyama(isenzo sangaphakathi kwegumbi lokufundela)

Chonga oononibe(volunteers) eklasini. Misa oyena nonibe umncinane yedwa, uqelanise intsalela kunye. Mema abafundi benze umfanekiso ngqondweni wokokuba umphambili wegumbi lokufundela ngummandla oshushu ongenamithi onengca(savannah), iqela eli liyintsalela lizakumela iqela leengonyama, lononibe ozimele yedwa yingwenkala. Njenge ngwenkala elilolo kungezeka ntoni xa lomfundi enokuzama ukuwela kulomhlaba weengonyama? Khokhela oku kwingxoxo yokuba kufuneka ifunde njani ukusebenzisana nezinye izilo ezizingelayo ukuqinisekisa impilo yayo endle, ngokusebenzisa ulwazi lwemvelaphi kesisifundo.

ISENZO 2 – Isenzo sangaphandle kwegumbi lokufundela

Ngokusebenzisa amaphepha, yenza amakhadi abalekayo ngokulandelayo ukumela iziloezizingelwayo: (olu melo zilo lungeziwa ngamaphepha ayimibala ngemibala, asikwe ukuze abenokulinganisa ubume bezilwanyana okanye kubhalwe nje amagama ezizilwanyana azimelweyo ezingabazingeli phantsi ephepheni) yenza amakhasi amhlanu ngasilwanyana ngasinye.

Izilo ezizingelwayo:

Iqwarha(zebra)
Ibhadi(springbok)
Inyoka
Ingca
Impuku
Intyatyambo
Umvundla
Iquda

Ahlula iklasi ibe ngamaqela, azakumela ezizilwanyana ezizingelayo ezilandelayo; nika umfundi ngamnye iphepha elimele isilo oku kungaba ngobume okanye ngokubhalwa, ezinokumelwa ngumfundi ngamnye.

Isinambuzane
Ingwenkala
Ingonyama
Intaka

Khuphela iqela labafundi ngaphandle apho unokuthi sa izilo ezizingelwayo kwindawo ebukhulu bungama 20x20 eemitha. Mema iklasi ime calanye yendawo ubale ukuya esithathwini-nqamleza lizilwanyana ezizingelwayo lendawo yokhangelo ukwenzela izilwanyana ezezizingelayo ezizimeleyo. Xa sele zicholwe zonke izilo ezizingelwayo qalisa ingxoxo yokuba yintoni echolwe yintoni nokuba kutheni lonto kwenzeke njalo.

Isinambuzane kufuneka sichole ingca neentyatyambo.
Intaka ingachola iintyatyambo xa iyintaka etya incindi yentyatyambo okanye inyoka nempuku xa kunokuthi ibeyintaka ezingelayo.(kusenokuba nangumvundla ukuba yintaka enkulu engumzigeli).
Ingwenkala bekumele ikhethe ibhadi nomvundla (ibenokukhetha nempuku)
Ingonyama kufuneka ikhethe iquda, iqwarha, ibhadi nomvundla.
Landelisa oku ngengxoxo yokuba izingela njani ingwenkala nokuba kuthetha ukuthini ukufundiswa kwethole ngumama walo. Zikhumbuze ngendlela ezingela ngayo ingwenkala ngokusebenzisa umhlathi wohukmbuzo onikiweyo.

I-PROJEKTI yophando- Kunzima endle-umsebenzi wophengululo

Incam:
Uthelekwaniso oluphakathi kwentsebenziswano yentlalo nobudlelwane obuphakathi kwengwenkala nezinye izilwanyana eyabelana nazo ngommandla.

Imibuzo okunoku khethwa kuyo yesihloko sophengululo:

Imazi iwafundisa njani amathole ayo ukuphepha ezinye izilwanyana ezizingelayo, nokuba kutheni oku kubalulekile?

Bubuphi ubuchule bokuphila obudingwa lithole ukuze libenakho ukuphila endle?

Ithole lengwenkala lifunda njani ukuzingela?

Lomsebenzi kufuneka ungeniswe ngohlobo lwengxowa yeencwadi(portfolio)[oku kuquka imifanekiso neetshathi]. Esi senzo singenziwa ngamfundi ngamnye okanye njengamaqela.

Emveni kokuqulunqa ingxowa yeencwadi, isihloko kufuneka saziswe kwintsalela yeklasi kuqaliswe ingxoxo ngentsebenziswano yentlalo endle.utitshala(kazi) abafundi ngolwazi olwegezelelekilyo olufumaneka kwisikhokhelo sikatitshala(kazi) [teacher's guide], olungaziswanga ngabafundi.

Iindawo zofunyano lwazi(resources)

Umzi wogcino ncwadi/ilayibrari.

I-Internet

Ulwazi lwemvelaphi oluthathwe eluqilini

Iincwadi

Iiteyiphu zee-video zendalo

Indawo yogcino zilwanyana(zoo) okanye umbutho osebenza ngeengonyama okanye iingwenkala.

Ulungiselelo lwangaphambili:
Utitshala(kazi) kufuneka aqale abenokwazi ngoluphengululo, oku kudinga ukuba asebenzisa iindawo zobuqili ukufmana ulwazi. Utitshala(kazi) kufuneka abenakho ukuxelela abafundi ukuba bangalufumana phi olu lwazi.

UXABISO

Uluhlu lokhangelisiso lweprojekti yophando:

Ingxelo Yoxabiso	Ewe	Hayi
Umfundi uwugqibe ngexesha asikelwe lona umsebenzi.		
Umfundi usinikile ishloko negama lombahali.		
Umfundi uqokelele ulwazi kwiindawo ngeendawo.		
Umfundi usebenzise ulwazi olungqamelana nesihloko.		
Umsebenzi ububekwe ngendlela ucocekile ukwalula nokuwufunda.		
Umfundi unike izalathiso ngokuchanekileyo.		

Okuqhagamshelene nelwimi:

IZPHUMO ZEMFUNDO(LO):	AMABANGA OXABISO
LO#3: Ukufunda nokujonga	Ukhetha imixholo eyiyo yezidingo zolwazi kwiindawo eziphangaleleyo.
LO#4: Ukubhala	Ubhala imixholo yolwazi ebonakalisa iingcinga ezicacileyo ngengqiqo yamaqonga(audiences) ohlukeneyo.
	Uphuhla alungiselele iingcinga ngenkqubo yokubhala.
	Unika umsebenzi ngoqwalalselo kucoceko nonikelo oluphucukileyo.
LO#6: Ulwakhiwo lwimi nosetyenziso	Usebenzisana nemixholo.

IMVELAPHI – Uveliso-zingelo lwamaThole

Uleqo nyamakazi nezinye izilwanyana ezizingelwayo bubuchule ezingazalwa zinabo, kodwa amathole kufuneka afunde ngowiso lweenyamakazi, ukuqinisekisa ulumo oluchanekileyo entanyeni, nobambo xhoba lide liyeke ukukhablaza, oku konke kufundwa ngokubukela kwezindala. Amathole afunda ngobambo lokrwitsho ngokubukela umama wawo xa ebulala nokuziqhelisa ngokudlala ngokuthi zilume izikhonkosi(napes) zezalamane(siblings) zazo. Abenamathuba apho athio ayeke ukutya ukuze alinganise ubambo-krwitsho kwisilwanyana esifileyo. Imazi yengwenkala isebenzisa onke amthuba enokuwafumana ukufundisa amathole ayo ukuzingela ngokuthi:

Ikhulule ubambo-krwitsho lexhoba elingekafi iyeke amathole agqibezele.

Izise izilwanyana ezincinci ezisaphilayo(amathole eenyamakazi, imivundla njl.-njl.) ukuba zizokubulawa ngamathole ayo abudala bungangeenyanga ezine.

Amathole aqala ukukhapha umama wawo xa eyokuzingela xa sele efikelele kwiinyanga ezintathu ukuya kwezine. Uyawafihla apho abone khona inyamakazi, awaqhube ngezikhalo ukuba ahlale ezimele. Xa uzingelo luthe lwayimpumelelo, uwabizela apho liwe khona xhoba elo.

Ubusazi?

Amathole eenqwenkala ancedisa oomama awo ekuzingeleni ukususela kubudala beenyanga ezintat –hu ukuya kwezine

Maxa wambi, amathole ayazibalekisa iinyamakazi ngokuthi aphakame okanye asondelele phambili phambi kwethuba.

Amathole aqalisa ukufaka isandla nangakumbi eluzingelweni, ukususela kwiinyanga ezisithandathu ukuya kwezisixhenxe, zikwalandela nomama wazo ngethuba eleqa isilwanyana eso asizingelayo, angalindeli kubizwa. Ngethuba umama wawo esakrwitsha ixhoba lakhe, amathole angancedisa ngokulibamba ixhoba ngamathupha okanye ngolunyo lophango(flank), okanye aqalise ngokutya ngethuba afika ngalo.

Amathole azokuzama ukubamba abulale izilwanyana ezincinane ngokwawo ukususela kwiinyanga ezisixhenxe ngempumelelo encinane. Abanakho, maxa wambi, ukubamba abulale imivundla ayikhuphe emingxunyeni.

Kwiinyanga ezingama12 ukuya kwezingama14, amathole ayakwzi ukuzizingelela ngokwawo. Xa eneenyanga ezingama15, amathole alingana okanye abamakhulu kunomama wawo, abe ngawo aqala uzingelo kodwa abenakho ukuludinga uncedo luka mama wawo ekubulaleni. Kwiinyanga ezingama16-18, amathole aba selesondele kwinqanaba lobudala ngokupheleleyo zikwanakho nkuziphilela ixesha elininzi.

Iimpazamo ezenziwa ngamathole azifundelayo ukuzingela ziquka:

Ukungasitheleki kwisilwanyana esizingelwayo.

Ukungaqwalaselisisi kakuhle kwesilwanyana esizingelwayo.

Ukuchwechwela isilwanyana engazukwazi ukusiwisa.

Ngelithuba, umama wamathole uzakube efundisa amtole akhe nokuphepha ezinye izilo ezizingelayo kuloongingqi akuzo njengeengonyama, ingwe emabala-bala, imfene njl.-njl.

Ngenxa yolwakiwo lwazo olucekeceke, iingwenkala zonzakala lula emlweni ngoko ke zikhethe ukubaleka endaweni yokuzama ukulwa nesinye isilo esikhulu esizingelayo.